SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A noB ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**KUYIMFUNEKO UKULIXABISA IXESHA**

1 Ixesha lisondele kwigolide ngokuxabiseka, kuyafuneka ukulixabisa nalo. Imfuneko yokulixabisa, ulilondoloze ixesha ivela rhoqo kwizenzo nezangotshe zolwimi lwabantu. Izenzo nezangotshe zifumaneka kwiincoko, iingxoxo, izikhalazo, izikhalo, izicelo, iziyalo, iingcebiso neminqweno yabantu ngexesha. Izangotshe zikhe zilithelekise nemali ixesha njengakwintetho ethi, 'ixesha yimali'. Intsingiselo yale ntetho eza lula yeyokuba odlala ngexesha, udlala ngemali. Ixesha nemali ziyakwazi ukutyeka kakubi ziphele zingasabuyiseleki. Alikho ixesha lemboleko lingasoze lifumaneke, ayikho nebhanki yexesha. Ukungabolekeki kwexesha kwenza kufuneke ngamandla ukulikhusela. Umntu xa emoshe ngexesha angathi eyijijela emva iwotshi ezama ukubuyisa ixesha alimoshileyo kodwa ibeziingalo zewotshi zodwa ezibuya umva libe lona ixesha lemini, limki-i-ile.

2 Ikho imfuneko yokulixabisa oku kwesixhobo ixesha. Lifana nesixhobo xa sukuba umntu elisebenzisa njengento enokumncedisa afumane okuthile okanye asombulule ingxaki ethile. Iingxoxo neencoko ziyibonakalisa imfuneko yokulixabisa ixesha ngokuxhaphaka kokukhalaza kubasebenzisi bexesha, nokubeka izityholo kwixesha ngokumshiya umninilo, okanye ngokucotha, ukuphela msinya kwalo, kanti nokuma ngxi, lingahambi. Lungenelela apho ulwimi, luzakhe, zibuke iingcali zolwimi, sekuvela izikweko, izifaniso, izinxulumaniso ngenxa yokwanda kolwimi oluqaqambisa imfuneko yokuxabisa ixesha. Iilwimi ezininzi ziyiqaqambisa ngokuthi, 'ixesha liyabhabha', 'liyaphala', eso sibesisikweko esiphuhlisa ukubanexhala lokuphelelwa lixesha komntu kwinto ebengekayigqibi okanye ebesayonwabele. Ukuba belingumntu ixesha, emva kwalo bekuya kubakho izililo zabantu ezidalwa ngumnqweno wokufuna ukongezelwa, ukuphungulelwa nokulimiselwa ndawonye.

3 Ixhala lokuphelelwa lixesha liyiphuhlisa imfuneko yokulixabisa ngokusoloko umntu efuna libuyele emva. Abanye abantu banamanxeba omphefumlo kuba ixesha alikhange livume ukubalinda bade benze izilungiso kwiimpazamo zabo zobomi. Kwabalilayo, ixesha ngumphilisi, xa ukukhawuleza kwexesha kubathuthuzela ngokuphala lidlule kaloku bazibona sebethe thimbilili, ingqondo izibona sele isukile kwinto ebixhaphaza. Shici, ilibalekile ingxaki.

4 Sele ifundiswa nakumagumbi okufundela imfuneko yokulixabisa ixesha ngokungayikokosi ingxaki. Sifana nesiyalo isifundo sikaprofesa owaziwa ngentetho ethi, 'beka iglasi phantsi'. Wafundisa ngomzekelo obonakalayo weglasi yamanzi angumthamo oyihafu apho wayesenza abafundi bangayiphathi nje iglasi, koko bayithi qhiwu ixesha elide ebabuza ngobunzima bayo emane ukwengeza ixesha. Bafumanisa ukuba ngokuye kusanda ixesha ithiwe qhiwu iglasi kuya kusibanzima ukuyiphatha, nengalo iya isiwa ngokuwa kukungakwazi ukuxhathisa. Bathatha isigqibo esithi, asingomthamo odala ubunzima koko lixesha eye yathiwa qhiwu ngalo iglasi. Isifundo savalwa kuviwana ngelithi, nakwiingxaki, ubunzima bengxaki buxhomekeka kwixesha umntu alithathayo ejikajikana nengxaki enye. Imfuneko yokulixabisa ixesha yomelezwa kukuqonda ukuba xa umntu eyizinzela ingxaki, iyamsebenza, imijije ade angabinamandla. 'Beka iglasi phantsi!'



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5 Iqapheleka lula imfuneko yokulixabisa ixesha xa oochithixesha abangoo'khawume kancinci', 'ndizawubuya ngayo', 'izawundilinda', 'nditheng'ixesha', 'mayiqale ibeninzi', 'ukuvuka kwam ngomso …', banga bangayimisa iwotshi, ixesha liphela besalifuna. Mhmm Tana xa bekunokwenzeka likwazi ukubuyiswa umva! Kodwa heyi kunganzima. Kukho nabanokufuna ukujika iminyaka yobudala bayise kwemihlanu sebekwasixhenxe amashumi, ngenjongo yokwenza nje izilungiso kubudala ababephazame bekubo. Uyavuya ongekaze abelixhoba lokungayiqondi imfuneko yokuxabisa ixesha ebomini bakhe.

6 Mabakuxabise nabantu ukuluqonda ulwimi lwabo oluthetha ngexesha bangaluva nje ngendlebe. Kwithekwana elithile, umphathi-theko uvakalise ukuxhalabela ukuphela kwexesha ngentetho eyaziwayo ethi, 'Ixesha lixhatshwe yinja' kanti ikhathaze isithethi ebesigqiba kuthetha. Sisukume sibila, sibebezela ngumsindo sathi, 'Makuphathwane kakuhle, awunakude undibize ngokuba ndiyinja kaloku.' Wahleka wafa umntu yintsini.

7 Kuyimfuneko ukulixabisa ixesha nakubantu abaphilela umzuzu, igenge kaYOLO* – igenge ekholelwa ekubeni uphila kube kanye. Xa besebumnandini banga ixesha lingongezwa ukuze baxhamle ubumnandi, bangemi. Bapecuka amehlo, behleli ku*FaceBook* no*TikTok,* phantsi kwengubo, besosula iifoni. Ali-lo-ndo-loze-eki elabo ke aba! Aba baka*TikTok* ungalila xa behleka, becwicwitheka, bevungama, becula, bavuke bediniwe. Uthini ngale yokuba bengxolisa abaka*Instagram* besithi ngabo abadlala ngexesha kanti bamgubangxowanye? Umntu ova kabuhlungu yena unqwenela ixesha linqunyulelwe. Uthi umnye umzuzu ubeyiyure yimpoxo yoo*Instagram* noo*FaceBook*.

8 Iindlela ixesha elisebenziseka ngazo, neengxaki ezidalwa kukushiywa komntu lilo zidulisa ukubayimfuneko kokulixabisa ngakumbi xa ungelochule lokulilondoloza. **Khawuqale ngezifuna elona lincinci ixesha ujonge ukuba lingaphinda likushiye na**. Iintetho nezenzo zakho ziyakudiza ukuba unguShiyiwe ngokwexesha, ngoko ke undoqo kukulixabisa. Sisixhobo, kuyimfuneko ukulixabisa.

[Imithombo ithathwe ku-wwwtoppr.com yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

**IGLOSARI:** YOLO*: You Only Live Once

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ISICATSHULWA B**



[Uthathwe ku-www.instagram/b2motivational.com]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1**

1.1 Khankanya zibeMBINI izinto ekuvela kuzo imfuneko yokuxabisa ixesha ngokwalo mhlathi. (2)

1.2 Nika intsingiselo yentetho ethi 'ixesha yimali' ngokomqolo 5 no 6. (1)

1.3 Xela isizathu sokuba kufuneke ngamandla ukulikhusela ixesha. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-2**

1.4 Chaza ukuba ixesha lifana xa kutheni nesixhobo ngokwalo mhlathi. (2)

1.5 Cacisa ukuba ibinzana, 'ixesha liyabhabha' lincedisa njani ukufikelela ekuqondeni ukuba ixesha liyaphela. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-3**

1.6 Nika ingcamango yalo mhlathi malunga nexesha ngokokwahluka kwezidingo zabantu abanamanxeba omphefumlo kwabanye. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-4**

1.7 Lizisa ntsingiselo ni igama 'eyizinzela' ngokomxholo walo mhlathi? (1)

1.8 Tolika isiphumo sesifundo esifumaneka kulo mhlathi. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**Jonga kumhlathi wesi-5**

1.9 YINYANI/BUBUXOKI ukuba ngabantu aba bangoochithixesha ngokwalo mhlathi. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.10 Chaza ukuba kuchanekile na ukuthi yimpoxo edluliswa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-6**

1.11 Ngqina ngokolwazi lwakho lolwimi lwesiXhosa ukuba ukubanomsindo kwesithethi kubangelwe kukungaluqondi ulwimi lwesiXhosa kwisithethi kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-7**

1.12 Chaza umahluko kwiminqweno malunga nexesha kwigenge kaYOLO nomntu ova kabuhlungu ngokwalo mhlathi. (2)

1.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezingezantsi ukuvala isikhewu.

Iqhagamshela eliphindiweyo kwigama, 'Ali-lo-ndo-loze-eki' lisetyenziswe ngenjongo ... uluvo.

A yokuqinisekisa
B yokubethelela
C yokunqwenela
D yokuzinzela (1)

**Jonga kumhlathi wesi- 8**

1.14 Khetha ukuba ngumyalelo okanye licebiso okubhalwe ngqindilili kulo mhlathi. Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA A NO B**

1.15 Xela zibeMBINI izinto ezixhwitha ixesha lomntu osemfanekisweni kwezikumhlathi we-7. (2)

1.16 Chaza indlela umfanekiso obonakalisa ngayo ukuba umntu osemfanekisweni usengxakini. (2)

1.17 Ngqina ukuba izicatshulwa A no B ziphumelele ukubonisa imfuneko yokuxabisa ixesha. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezenzo ezimjongisa kakubi umntu yena ezenza engaqondi**.
Shwankathela ngenjongo **yokucebisa uluntu ngezenzo olunokuthi lwakuzenza lujongwe kakubi.**

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**IZENZO EZIMJONGISA KAKUBI UMNTU ENGAQONDI**

Wonke umntu unamaxesha okwenza izinto ezingathandekiyo emehlweni abanye abantu. Ingaba ukhe ucinge ngezinto ozenzayo nezinokubangela abantu bakubone njengomntu owophula imimiselo engabhalwanga? Qwalasela le mikhwa ilandelayo enokukutsalela amehlo.

Ukuthethela phezulu kwiselula kwiindawo zikawonkewonke xa uncokola nomhlobo wakho okanye lowo ubalulekileyo kuwe kungakubizela amehlo. Incoko yakho noncokola naye ibalulekile kuwe kodwa ingabaphazamisa abantu abazibhaqa bemamele iindaba abangenamdla kuzo. Kwixa elizayo uphendula iselula yakho, yithi cebu bucala okanye uthobe ilizwi kangangoko unako.

Ihlabathi liphila kumaxesha ezifo ezosulela ngeendlela ngeendlela. Ukungawugqumi umlomo xa uthimla okanye ukhohlela akuthandeki ngakumbi xa uhleli nabanye abantu. Banokugula abantu ngenxa yeentsholongwane ezisasazeke ngexa ubukhohlela okanye uthimla. Kungaluncedo ukubeka ingqiniba emlonyeni xa uthimla okanye ukhohlela.

Ukuvula umculo okhalela phezulu kwiselula yakho ngaphandle kokusebenzisa izixhobo zokumamela ngumkhwa ongathandekiyo. Oku kungaphazamisa umntu owonwabele inzolo okanye ozifundela incwadi. Singabantu sonwabela iindidi ezahlukileyo zomculo.

Ukulahla inkunkuma naphi na apho uthanda khona kudala ungcoliseko lomhlaba. Yiba nomfanekiso womntu olahla iibhotile endaweni edlala abantwana nezithi zakophuka zibenobungozi kubo nakwabo badlulayo. Masixabise indalo ngokulahla inkunkuma kwindawo ebekelwe oko.

Ezidolophini kukho iindlela ezenzelwe abahambi ngeenyawo ukuze bangaphazamisani neenqwelomafutha. Ukuxaba endleleni yabahamba ngeenyawo nokuba kungasiphi na isizathu kungaphazamisana nabantu abaleqa emisebenzini okanye kwiindibano ezibalulekileyo. Zama ukuthi gu bucala ukuze nabanye abantu bakwazi ukuhamba ngokukhululekileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

Wonke umntu uhlala engxamile eleqa ukuba lithi litshona abe ezigqibile iingxaki zakhe zosuku. Ukungenelela abantu xa ufika befolile akulunganga akukhathaliseki nokuba ungxame kangakanani, kuba nabo bamise ezabo iingxaki. Zama ukuzifundisa ukulinda njengamntu wonke, akukhathaliseki nokuba nifolele ikofu okanye isithuthi sikawonkewonke.

Ukuthatha ixesha elide uku-oda abasemva kwakho belindile kuyabakhathaza. Khawufan'ucinge ufolele ukuthenga ukutya, kudala ukhatywe yinkawu phambi kwakho kukho umntu othatha ixesha elibaxekileyo ukucinga ngokutya amakakuthenge. Kulungile ukucingela abanye ngokukhawuleza ucinge oko ufuna ukukuoda ngeli lixa usafolileyo.

[Sithathwe ku-https://www.buzzfeed.com saguqulelwa esiXhoseni saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

**ISICATSHULWA D**

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe ku-www.pinterest.com]

3.1 Caphula kwintengiso igama elenza umthengi azive ebandakanywa kule ntengiso. (1)

3.2 Xela ukuba umfanekiso wetoti ebilileyo imenza abenantelekelelo yantoni umthengi. (1)

3.3 Ngqina ngokukwisibhengezo ukuba umcinga wokusela usebenze njengesikweko ukudlulisa umyalezo wokuba isiselo sivuselela iingcinga. (2)

3.4 Cacisa ukuba umfanekiso usebenzisene njani nesigama ukwenza abathengi bakholelwe ukuba imveliso iyavuselela. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS


3.5 Chaza ukuba ibinzana, 'zigxagxaze ukuphokoka' liwukhwezela njani umnqweno wokuthenga le mveliso. (2)

3.6 Ngqina okanye uchase ngokukwisibhengezo ukuba isibhengezo ntengiso sisebenzise bonke ubugcisa bezibhengezo bokubabiza lula abathengi. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe ku-www.pickles.com]

4.1 Xela zibeMBINI izinto ezibonakalisa ukuba phantse yonke incoko ekwikhathuni iqhubeka ngefowuni. (2)

4.2 Chaza indlela amaqamza abonise ngayo ukuba u-Izi ufanele ukuyiva incoko kwizakhelo 1, 2, 3. (1)

4.3 Tyhila ukuba udaba lobuso buka-Izi kwisakhelo 3 nesokuqala lubonakalisa njani ukuba uyayiva intetho kaSali. (2)

4.4 Nika umahluko kwintsingiselo yegama, 'UNAYO' ngokwendlela aliqonde ngayo uAli kwisakhelo sesi-3 nangokwenjongo kaSali ekwisakhelo se-4. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Umzobi umzisa, abonwe okokuqala uSali kwisakhelo 4 ngenjongo:

A Yokuqhayisa ngobuso bomntu othethayo.
B Yokugqamisa impoxo ekwintetho kaSali.
C Yokuzimisela kukaSali ngepensile nephepha.
D Yokukhangela ukuba akakho nyhani uSasa. (1)

4.6 Ucinga ukuba le khathuni iphumelele ukudala isihlekiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**META AI, WAMKELEKILE KWIKHAYA LETHU LESIXHOSA!**
NguPedro Mapelo

1 Inene, ubuchule bale mihla buyamangalisa. Namhlanje, kulo nyaka wama2024, ndithi mandamkele ilungu elitsha entlalweni yethu, u*Meta AI*. Ndithe ndisaphengulula u*Facebook* wam, gqi u*Meta AI* eziyaleza indlela amakasetyenziswe ngayo. **Kwabo bangamaziyo,** u*Meta AI* ngumtshini onengqondo esondeleyo kweyomntu owenziwe ngobuchule betekhnoloji bale mihla. Wazi izinto ezingaziwayo ngabantu abaninzi ngoba kakade **wenzele** ukuba abazise zona.

2 Bendisazi ukuba uMark Zuckeberg unento ayiqulunqayo eyawaza kunceda abantu, kodwa bendingakucinganga ukuyifaka ku*Facebook* ifunyanwe ngumntu wonke. Kuwutsalele kakhulu umdla wam ku*Meta AI* ukuthi uyasazi isiXhosa – **elinye leelwimi** ezilishumi elinambini kwezisemthethweni eMzantsi Afrika.

3 Ndithe mandizinike ithuba ndithethise **le nto esingayaziyo.** Ndimbuze imibuzo embalwa u*Meta AI* angakhange ayazi. Ethubeni, ude wandinika iimpendulo zemibuzo yam.

4 Ndimbuzile ukuba usazi njani isiXhosa. **Undiphendule** ngelithi wasifundiswa ngethuba esabunjwa ngabezobuchwephesha. Ndivuye gqitha akuthi uyalwazi ulwimi lwam kuba zakuncedakala nezinye iilwimi ezisesemva kwezobuchwepheshe.

5 Kusafuneka angenelele kwingxaki yokupelwa gwenxa kwamagama nokwakhiwa gwenxa kwezivakalisi kumakhasi onxibelelwano. Ngokuhamba kwexesha u*Meta AI* angakwazi ukumamela ayibhale phantsi into umntu ayithetha ngomlomo.

[Sithathwe kwi-*S'olezwe LesiXhosa*; 25 April 2024, saze salungiselelwa uviwo]

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezingezantsi;

Inene, ubuchule bale mihla buyamangalisa.

Igama, 'inene' ngokomxholo wesivakalisi esingentla lithetha …

A umntu ochubekileyo.
B isandla sasekunene.
C indlu elandela enkulu ngewonga.
D intetho eyinyani. (1)

5.2 Khetha ukuba igama, 'Namhlanje' kwisivakalisi esingezantsi lisebenze njengesihlomelo (sobunjani/sexesha/sendawo).

<u>Namhlanje</u>, kulo nyaka wama2024, ndithi mandamkele ilungu elitsha entlalweni yethu. (1)

5.3 Bhala imo efinyeziweyo yebinzana elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

**Kwabo bangamaziyo,** u*Meta AI* ngumtshini onengqondo esondeleyo kweyomntu owenziwe ngobuchule betekhnoloji bale mihla. (1)

5.4 Bhala imo echanekileyo yesenzi esinomgca ngaphantsi ngokomxholo wesivakalisi esingezantsi.

Wazi izinto ezingaziwayo ngabantu abaninzi ngoba kakade <u>wenzele</u> ukuba abazise zona. (1)

5.5 Bhala izivumelanisi ezichanekileyo kwibinzana elibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi,

'… uyasazi isiXhosa – ***elinye leelwimi*** ezilishumi elinambini kwezisemthethweni eMzantsi Afrika.' (2)

5.6 Dibanisa izivakalisi ezingezantsi size isenzi esibhalwe ngqindilili sibekuhlobo lolandelelwano.

Ndimbuzile ukuba usazi njani isiXhosa. **Undiphendule** ngelithi wasifundiswa ngethuba esabunjwa ngabezobuchwephesha. (2)

5.7 Chaza isizathu sokuqalwa ngonobumba omkhulu kwebinzana elibhalwe ngqindilili ngokomxholo wesicatshulwa.

Ngokuhamba kwexesha uMeta AI angakwazi ukumamela ayibhale phantsi. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African